

It starts with a story...

## What's happening with literacy?

Each year on 8 September the world celebrates **International Literacy Day**. On this day, we think about the role that reading and writing plays in our lives and we recommit ourselves to working towards making illiteracy a thing of the past, in South Africa and across the world.

So, where are we in 2017 with this "literacy" thing in South Africa? Unfortunately, the news is NOT good – for neither adults nor children! According to the study, *Learning to Read and Reading to Learn*, published in 2016, 58% of our Grade 4 children do not understand what they are reading and 29% are completely illiterate.

The South African Book Development Council's national reading survey in 2016 doesn't offer any better news. It showed that adult South Africans read for only 6,2% of their leisure time. Of the 4 000 South Africans over the age of 16 who took part in this study, only 3% had been read to at home when they were children. Not all the participants in the study had children themselves, but of those who did only:

- 13% encourage their children to read
- 6% read to their children
- 5% tell stories to their children.

The problem with illiteracy is not only that people do not get to experience the joy of reading and writing. The problem is that illiteracy prevents people from achieving their full potential. And if individuals are not achieving their full potential, then neither is our country. In fact, illiteracy comes with a large price tag. In 2010, it was estimated that illiteracy costs South Africa R450 billion each year!

It is easy to become overwhelmed with the bad news, but we don't have to. It just means that we have to continue to work hard and constantly at changing the South African literacy landscape. One of the ways we can all do this is to make sure that we inspire the children we have contact with to want to read and write – and then to help them discover and unlock the joy and power in reading and writing.

We can do this by supporting the work of literacy organisations across the country who together reach tens of thousands of children. But we can also do it in small ways with the children in our lives by:

- reading aloud to them for at least 15 minutes a day
- making sure that they have as many books to read as we can find
- providing opportunities for them to learn *why* we write, as well as *how* to write, by for example, making shopping lists, leaving notes or reminders for friends and family members, filling in forms and creating their own stories
- reading and writing ourselves so that we are literacy role models for our children.

Each of us has the power to help children use reading and writing in powerful ways throughout their lives! How will you take up this challenge?

### What's inside?

- ★ Ideas for celebrating International Literacy Day
- ★ A poster
- ★ Two stories about the importance and value of reading
- ★ How to make your own book

### Yintoni equlathwe lolu hlelo?

- ★ Iimbono zokubhiyozela uSuku lweLitheresi lweZizwe ngeZizwe
- ★ Ipowusta
- ★ Amabali amabini angokubaluleka nokuxabiseka kokufunda
- ★ Indlela yokuzenzela eyakho incwadi

## Kwenzeka ntoni kwilitheresi?

Minyaka le ngowe-8 kweyoMsintsi ihlabathi libhiyozela **uSuku lweLitheresi lweZizwe ngeZizwe**. Ngolu suku, sicinga ngendima edlalwa kukufunda nokubhala ebomini bethu, kwaye sizinikezela ngokutsha ekuncothuleni neengcambu imeko yokungakwazi ukufunda nokubhala, eMzantsi Afrika nakwihlabathi liphela.

Ke ngoku, ingaba kulo wama-2017 kumaxa siphile nale nto "yelitheresi" eMzantsi Afrika? Ngelishwa, AZIKHO mnandi kwaphela iindaba ngokuphathelele noku – kubantu abadala kwanakubantwana ngokunjalo! Ngokophando lwe*Learning to Read and Reading to Learn*, olupapashwe ngowama-2016, ngama-58% abantwana bethu abakwiBanga le-4 abangakuqondiyo oko bakufundayo kwaye abangama-29% abakwazi kwaphela ukufunda nokubhala.

Uvavanyo-zimvo lokufunda lukazwelonke lweSouth African Book Development Council lowama-2016 aluzi nandaba zingcono kwanalo. Lubonakalise ukuba abantu abadala baseMzantsi Afrika, kwixesha labo lonke lokuzonwabisa yi-6.2% nje kuphela yexesha abalisebenzisela ukufunda. Kubantu abangama-4 000 baseMzantsi Afrika abaminyaka ingaphezulu kwe-16 nabathe bathatha inxaxheba kolu phando, yi-3% nje kuphela ethe yafundelwa kumakhaya abo ngethuba besengabantwana. Asingabo bonke abathathe inxaxheba kolu phando abanabantwana, kodwa kwabo bantu banabo:

- i-13% iyabakhuthaza abantwana bayo ukuba mabafunde
- i-6% iyabafundela abantwana bayo
- i-5% iyababalisela abantwana bayo amabali.


Ingxaki yokungakwazi ukufunda nokubhala asikokuba abantu babandezeka amava okonwabela ukufunda nokubhala nje kuphela. Ingxaki kukuba ukungakwazi ukufunda nokubhala kuthintela abantu ukuba bagqwese koko bakwenzayo. Xa ke abantu bengakwazi ukugqwesa koko bakwenzayo, nelizwe lethu ke liyakudobebeleka. Enyanisweni, ukungakwazi ukufunda nokubhala kuza nenkitho engaphaya kokuqonda. Ngowama-2010, kwaqikelelwa ukuba ukungakwazi ukufunda nokubhala kudla uMzantsi Afrika izigidi-gidi ezingama-R450 minyaka le!

Kulula ukonganyelwa ziindaba ezimbi, kodwa akufanelanga kubenjalo. Kuthetha nje ukuba kufuneka sithi gqolo sisebenza ngokuzimisela, sizama ukutshintsha ubume belitheresi eMzantsi Afrika. Enye yeendlela esinokukwenza ngayo oku sisonke kukuqinisekisa ukuba sikhuthaza kwaye sivuselele abantwana esihlangana nabo ukuba bafune ukufunda nokubhala – kwaye sibancede ukuba bafumane baze bavulele ubumnandi namandla okufunda nokubhala.

Singakwenza oku ngokuxhasa imibutho yelitheresi kuzwelonke nethi xa idibene ifikelele kumawaka ngamawaka abantwana. Kodwa sisenokukwenza oku ngeendlela nje ezincinci nabantwana abasebomini bethu:


- ngokubafundela ngokuvakalayo imizuzu eli-15 ngosuku
- ngokuqinisekisa ukuba baneencwadi zokufunda ezininzi kangangoko sinako ukuzifumana
- ngokubanika amathuba okufunda ukuba *kutheni* sibhala, kwakunye *nendlela* yokubhala, umzekelo, ukubhala izintlu zezinto eziza kuthengwa, ukushiya amaphetshana emiyalezo okanye izikhumbuzo abahlobo namalungu eentsapho zethu, ukugcwalisa iifomu nokuziqambela amabali angawabo
- ngokuthi sifunde kwaye sibhale nathi ngokwethu ukuze sibe yimizekelo emihle yelitheresi ebantwaneni bethu.

Sonke sinawo amandla okunceda abantwana ukuba basebenzise ukufunda nokubhala ngeendlela ezinamandla ubomi babo bonke! Wena uza kuyenza njani le nto?



Drive your imagination

Join us in taking the power of stories to the next level. Let's go!  
Sijoyine ukuze siwenyusele kwinqanaba elilandelayo amandla amabali. Masiye!



# 8 ideas for celebrating International Literacy Day



Here are eight ways for you and your children to celebrate International Literacy Day – on 8 September and afterwards!

1. Read the cut-out-and-keep book, *Graça's dream*, to your children. This is the inspiring story of Graça Machel and her dream to instil a love of reading in children. Afterwards, invite your children to think of someone they know who is passionate about reading and/or writing and who tries to inspire others to read and write. Suggest that they write their own stories about these people to share with others.
2. Jamela and Papa Lucky from *Hanna's friends* (page 14) are characters from picture books by South African children's author, Niki Daly. Which story characters are your children's favourites? Encourage them to draw pictures of one or more of their favourite story characters and then to make up a new story featuring these characters.
3. Let the children use the blank book on page 4 and follow the instructions on page 3 to create their own books, which they can share with others.
4. Start a bookmaking group. Find a space to host this group and then get together regularly to make books. Invite anyone who is interested! There are plenty of jobs for children and adults – cutting, stapling, drawing and writing. Include adults or children who are unable to read or write by asking them to tell stories that can be made into books by others.
5. Set up a story corner at your library or clinic, in each classroom at your school and even in your home! Use this special place to read and tell stories throughout September. Take this one step further by decorating passages with posters about stories and reading, and by painting doors with characters from books or with the Nal'ibali characters.
6. During September, set aside a special time each day in which everyone stops doing whatever they are busy with and reads for enjoyment for 15 minutes. Stick to the same time each day and encourage everyone to continue doing this even when you are not together as a group, like over weekends. This is a great way to help establish the habit of reading regularly.
7. Organise a family fun day that has a literacy focus and invite the whole community. Plan a variety of stations or activity centres where adults and children can play clapping or skipping games, play board games, make cards and/or posters, draw and paint, write stories, make puppets, dress up and use props to play together, tell stories and read stories.
8. Ask the children at your reading club or in your class to write a review of a book that they would recommend to others. Over the next few months, encourage all the children to read these recommended books. Then ask them to vote for their favourites so that together you can create a Top Ten book list.

# Iimbono ezi-8 zokubhiyozela uSuku lweLitheresi lweZizwe ngeZizwe



Nazi iindlela ezisibhozo onokuzisebenzisa wena nabantwana bakho ukubhiyozela uSuku lweLitheresi lweZizwe ngeZizwe ngowe-8 kweyoMsintsi ukuya phambili!

1. Fundela abantwana bakho incwadana onokuyisika-ze-uyigcine ethi, *Iphupha likaGraça*. Eli libali elikhuthazayo likaGraça Machel kwakunye nephupha lakhe lokufaka nokuzinzisa uthando lokufunda ebantwaneni. Emva koko, mema abantwana bakho ukuba bacinge ngomntu abamaziyo okuthanda kakhulu ukufunda kunye/okanye nokubhala nozama ukukhuthaza abanye ukuba bafunde kwaye babhale. Bacebise ukuba babhale awabo amabali ngaba bantu, bandule ke ukwabelana ngawo nabanye.
2. UJamela kunye noPapa Lucky ku*Abahlobo bakaHanna* (okwiphepha le-15) ngabalinganiswa abasuka kwiincwadi zemifanekiso zombhali weencwadi zabantwana waseMzantsi Afrika, uNiki Daly. Ngabaphi abalinganiswa bebali abathandwa ngabantwana bakho? Bakhuthaze ukuba bazobe imifanekiso yabanye babalinganiswa bebali ababathandayo, ze ke emva koko baqambe ibali elitsha besebenzisa aba balinganiswa.
3. Abantwana mabasebenzise incwadi engabhalwanga ekwiphepha le-4, baze balandele imiyalelo ekwiphepha le-3 ukwenza ezabo iincwadi, nabanokwabelana ngazo nabanye.
4. Qala iqela lokwenza iincwadi. Funa indawo elinokuhlanganela kuyo eli qela nize nidibane rhoqo, nenze iincwadi. Mema wonke umntu onomdla! Mininzi imisebenzi enokwenziwa ngabantwana kunye nabantu abadala – bangasika, basiteyiplishe, bazobe kwaye babhale. Quka nabantu abadala okanye abantwana abangakwaziyo ukufunda okanye ukubhala ngokubacela ukuba babalise amabali anokwenziwa iincwadi ngabanye.
5. Qulunqa indawo yamabali kwithala lenu leencwadi okanye eklinikhi, eklasini nganye yesikolo sakho nkqu nasekhayeni lakho! Sebenzisani le ndawo ikhethekileyo nifundele kuyo okanye nibalisele kuyo amabali kwinyanga yonke yoMsintsi. Yongeza koku ngokuhombisa iipaseji ngeepowusta ezingamabali nokufunda, nangokuzoba emacangweni abalinganiswa abasezincwadini okanye abalinganiswa bakaNal'ibali.
6. Ngenyanga yoMsintsi, bekela bucala ixesha elikhethekileyo kusuku ngalunye, apho umntu wonke ayeka nantoni na ayenzayo aze afundele ukuzonwabisa imizuzu eli-15. Yima kweli xesha linye yonke imihla, uze ukhuthaze abantu ukuba baqhubeke besenza oku nokuba anidibananga njengeqela, nangempelaveki. Le yindlela entle yokuziqhelanisa nomkhwa wokufunda rhoqo.
7. Ququzelela usuku lokuzonwabisa olujolise kwilitheresi nosapho uze umeme abantu basekuhlaleni xa bebonke. Ceba izitishi ezahlukeneyo okanye iindawo apho abantu abadala kunye nabantwana bangadlala imidlalo yokuhwaba okanye eyokuxhumaxhuma khona, nalapho banokudlala imidlalo yebhodi, benze amakhadi kunye/okanye neepowusta, bazobe kwaye bapeyinte khona, babhale amabali, benze iiphaphethi, banxibele umdlalo kwaye basebenzise neempahla zokulinganisa umdlalo weqonga, badlale ze babalise amabali baze bafunde namabali.
8. Cela abantwana eklabhini yakho yokufunda okanye eklasini yakho ukuba babhale isigxeko-ncomo ngencwadi abanokucebisa ukuba ifundwe ngabanye. Kwiinyanga ezimbalwa ezilandelayo, khuthaza bonke abantwana ukuba bafunde ezi ncwadi bachazelwe ngazo. Emva koko ke bacele ukuba bavotele ezo bazithandayo ukuze bekunye benze uluhlu lwezona ncwadi ziPhambili eziliShumi.



## Make your own book!

Be an author and an illustrator! Use the blank book on the next page and create your own book to share with others.

1. Fold the page in half along the red dotted line.
2. Paste the two halves together.
3. Fold the strip of paper along the black lines to create a zigzag book.
4. Think about what you would like your book to be about. It could be a storybook, or it could be a counting book for young children. It could also be a book about yourself – your favourite things, your friends, your family members, and anything else that makes you, you!
5. Draw pictures and write about this on pages 2 to 8 of your book.
6. Think about a good title for your book and write this on page 1. Draw a picture too. Remember to write the author's and illustrator's name – that's you!



## Zenzele eyakho incwadi!

Yiba ngumbhali kunye nomzobi! Sebenzisa incwadi engabhalwanga ekwiphepha elilandelayo uze wenze eyakho incwadi oza kwabelana ngayo nabanye.

1. Songa iphepha phakathi emgceni ongamachaphaza abomvu.
2. Ncamathelisa la macala mabini kunye, uwadibanise.
3. Songa icwecwe lephepha ulandela imigca emnyama ukwenza incwadi ejikojiko.
4. Cinga ngokuba ungathanda ukuba incwadi yakho ibengantoni na. Isenokuba yincwadi yebali, okanye ibeyincwadi yokubala yabantwana abancinci. Kananjalo isenokuba yincwadi engawe buku – izinto ozithandayo, abahlobo bakho, amalungu osapho lwakho, nayo nantoni na ekwenza ube nguwe, buku!
5. Zoba imifanekiso uze ubhale ngezo zinto kwiphepha le-2 ukuya kwele-8 lencwadi yakho.
6. Cinga ngesihloko esilungele incwadi yakho uze usibhale kwiphepha loku-1. Zoba nomfanekiso. Khumbula ukubhala igama lombhali nelomzobi – nguwe ke lowo!

## Nal'ibali is 5 years old!

Can you believe it? In June 2017, Nal'ibali turned 5 years old. In this short space of time, this is what we have achieved together with you ... and we're just getting started.

- ★ **1 471** reading clubs launched in **7** provinces
- ★ **63 687** children reached
- ★ **77** brand-new stories created, and **314** translations of these stories done
- ★ **125** editions of the Nal'ibali Supplement published
- ★ **3 990 977** copies of the Nal'ibali Supplement delivered to reading clubs and schools
- ★ **2 940** FUNda Leaders signed up
- ★ **10 181** adults received reading-for-enjoyment training
- ★ **5 304** radio shows aired, which reached **7** million listeners each week.


Over the next five years, join us as we spark even more children's potential through storytelling and reading, and make a real difference to the literacy landscape in South Africa!

## UNal'ibali uneminyaka emi-5!

Ingaba uyakukholelwa oku? NgeyeSilimela kowe-2017, uNal'ibali ugqibe iminyaka emi-5 ubudala. Ngeli xesha lifutshane, senze oku sikunye nawe ... kwaye sisaqala nje.


- ★ li-**1 471** leeKlabhu zokufunda ezisunguliweyo kumaphondo asi-**7**
- ★ ngama-**63 687** abantwana ekufikelelwe kubo
- ★ ngama-**77** amabali amatsha aqanjweyo, kwakunye nangama-**314** aguqulelwe kwezinye iilwimi.
- ★ li-**125** leentlelo zoshicilelo loHlelo lukaNal'ibali ezipapashiweyo
- ★ zi-**3 990 977** zeekopi zoHlelo lukaNal'ibali ezihanjise eziklabhini zokufunda nasezikolweni
- ★ ngama-**2 940** eeFunda Leader zikaNal'ibali ezibhalisileyo
- ★ li-**10 181** labantu abadala abafumene uqeqesho lokufundela ukuzonwabisa
- ★ ngama-**5 304** eenkqubo zikanomathotholo ezisasaziweyo, nezithe zafikelela kwizigidi ezi-**7** zabaphulaphuli ngeveki nganye.

Kule minyaka mihlanu izayo, yiba kunye nathi xa sisenza nangakumbi ekuvuseleleni oko abantwana banokukwazi ukukwenza ngokubalisa amabali kunye nokufunda, kwaye sisenza nomahluko obonakalayo kubume belitheresi eMzantsi Afrika!



## Create a poster and a cut-out-and-keep book

1. Tear off pages 9 and 10 of this supplement. This is your International Literacy Day poster!
2. To make the book, *Graça's dream*, use pages 5, 6, 7, 8, 11 and 12.
3. Keep pages 7 and 8 inside the other pages.
4. Fold the sheets in half along the black dotted line.
5. Fold them in half again along the green dotted line to make the book.
6. Cut along the red dotted lines to separate the pages.



## Yenza ipowusta kunye nencwadi onokuyisika uze uyigcine

1. Krazula, ukhuphe iphepha le-9 nele-10 kolu hlelo. Le yipowusta yakho yoSuku lweLitheresi lweZizwe ngeZizwe!
2. Xa ufuna ukwenza incwadi ethi, *Iphupha likaGraça*, sebenzisa iphepha le-5, ele-6, ele-7, ele-8, ele-11 nele-12.
3. Gcina iphepha le-7 nele-8 phakathi kwamanye amaphepha la.
4. Songa la maphepha phakathi ulandela umgcana ongamachaphaza amnyama.
5. Wasonge phakathi kwakhona ulandela umgcana ongamachaphaza aluhlaza ukwenza incwadi.
6. Sika ke ngoku ulandela imigcama yamachaphaza abomvu ukohlula amaphepha.



1

8



2

7

3

9

4


5

Back at home people were still not free. But now Graça had an education, skills, and hope. She also had friends who felt as she did about children's right to learn.

Emva phaya ekhaya abantu babengekakhululeki. Kodwa ngoku uGraça wayefundile, enezakhono, kunye nethemba. Kamanjalo wayenabahlobo ababeviva kanye njengaye malunga nelungelo labantwana lokufunda.



“Every child should own a hundred books by the age of five.”



Find out more at [bookdash.org](http://bookdash.org). Read our books for free, in all 11 languages, on the Android app. Search for “Book Dash” in the Google Play store.

All Book Dash books are open-licensed and are created by volunteer professionals at Book Dash events.



Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark children's potential through storytelling and reading. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)




UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa lokuvuselela oko abantwana banokukwazi ukukwenza ngokubalisa amabali nokufunda. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



## Graça's dream Iphupha likaGraça

*Melissa Fagan  
Karlien de Villiers  
Marike le Roux*






Wayeza kusebenzisa ulwazi lwakhe  
 kwaye asebenze nabahlobo bakhe.  
 Bekunye babeza kukwazi ukuzisa  
 utshintsho eMozambique.

She would use her  
 knowledge and work  
 with her friends,  
 Together they would  
 bring change  
 to Mozambique.



Graça was about to be born in a small village  
 in Mozambique. The country was poor  
 and the people did not yet rule themselves.  
 Children didn't have good schools and many  
 couldn't read. Graça's mother dreamed of  
 giving her children better opportunities. But  
 without education there was little hope.





UGraça wayenephupha lokuba ngutitshalakazi nokusebenzisa imfundo yakhe ukufundisa abanye. Wayefuna ukuba abantwana beMozambique ayithandayo bakwazi ukufunda nokubhala. Wayephupha ixesha apho bonke abantwana banokuba nakho ukuya esikolweni.

UGraça waghuba kakuhle kakhulu kweso sikolo sasedolophini waze ekuhambeni kweminyaka wasikeleleka kwakhona. Yayiyenye imali yokuya kufunda kwidyunivesithi ekude, ePortugal. Wadibana nabalobo abatsha, wafunda ilwimi ezintsha, ekwafunda ngenwadi ezintzi. Wakhumbula iphupha lakhe lokuba ngutitshalakazi, kwaza ngenene kwabantalo.

Konke oku kwamonwabisa kakhulu uGraça. Yayinye nje kuphela into eyayisamxungphalalise ...

She dreamed of becoming a teacher and using her education to educate others. She wanted the children of her beloved Mozambique to know reading and learning. She dreamed of a time when all children would go to school.

Graça did her best in that city school and years later she was blessed again. It was another scholarship to attend a university in faraway Portugal. She met new friends, learned new languages and read a bounty of books. She realised her dream of becoming a teacher.

All this made Graça very happy. There was only one thing that still made her sad ...


Graça mourned Samora for many years, but she found love again. She met a man who had also spent his life dreaming of bringing freedom, hope and education to his people.


Graça married Nelson Mandela and together they worked to help Africa's children.

UGraça wamzilela uSamora iminyaka emininzi, kodwa waphinda wafumana uthando kwakhona. Wadibana nendoda nayo eyachitha ubomi bayo bonke iphupha ngokuzisa inkululeko, ithemba kunye nemfundo ebantwini bayo.

UGraça watshata noNelson Mandela kwaye bobabini basebenza nzima, benceda abantwana beAfrika.

Kwakulilixa kanye apho uGraça wayeza kuzalwa kwilali encinane yaseMozambique. Ngoko ilizwe lalihlupheka kwaye ngelo xesha nabantu babengekazilawuli ngokwabo. Abantwana babengenazikolo zifanelekileyo kwaye uninzi lwabo lwalungakwazi ukufunda. Umama kaGraça wayenephupha lokunika nokuvulela abantwana bakhe amathuba angcono. Kodwa ithemba loko lalilincinci kakhulu ngaphandle kwemfundo.





Ekusqibeleni, ngoncedo lwabahlobo bakhe bonke, iMozambique yakhululeka!

Finally with the help of all her friends, Mozambique was free!


Baby Graça would be the sixth child. But with this joyous event there was great sadness. Their beloved father was dying.

Umntwana onguGraça wayeza kuba ngumntwana wesithandathu. Kodwa esi siganeko solonwabo sasikhatshwa lunxunguphalo olukhulu. Utata wabo abamthandayo wayegulela ukubhubha.





UGraça kunye noSamora babenabantwana ababini. Xa bebobabini babenephupha lokwenzela ubomi obumnandi usapho lwabo kunye nabantu baseMozambique xa bebonke. Babonwabile kwaye bezele lithemba.

Kodwa ngaminazana ithile embi, uSamora wasutywa kukufa kwintlekele yenqwelo-moya.





**Reading is out  
of this world!**



**Malibook!**



Ukufunda kukusa  
emajukujukwini!





Graça worked hard at school and as a teenager she received a gift that would change her life. It was a scholarship to attend a rich city school.

UGraça wasbenza ngokuzimisela esikolweni kwaye njengentombi ekhulayo wafumana isiphosabutshtshayo ubomi bakhe. Esi siphoyayiyimali yokuya kufunda esikolweni sabafumileyo, edolophini!




The man chosen to lead the country was Graça's special friend, Samora Machel. They fell in love and got married.

Indoda eyonyulwa ukuba ikhokele ilizwe yayingumhlobo okhethekileyo kaGraça, uSamora Machel. Bathandana baze batshata.



5



20




He dreamed that his youngest daughter would go to a good school. He knew that education would give her opportunities he had never had. His family promised to make their dad's dream come true.

Just weeks after their dad died, the new baby was born. She was given a name to match the beauty and blessing that she was – Graça. As the years passed, Graça brought much joy to her family and they kept the promise made to their father. Graça would have a good education.

Utata wabo wayenephupha lokuba intombi yakhe encinci iye esikolweni esisiso. Wayesazi ukuba imfundo iyakumnika amathuba yena angazange awafumane. Usapho lwathembisa ukulifezekisa eli phupha likatata wabo.

Emva nje kweeveki ezimbalwa utata wabo eswelekile, kwazalwa olu sana lutsha. Wanikwa igama elihambelana nobuhle kunye nentsikelelo awaweyiyo kolu sapho – uGraça. Ekuhambeni kweminyaka, uGraça wazisa ulonwabo olungathethekiyo kusapho lwakhe yaye nosapho xa lulonke kwasigcina isithembiso ababesenze kutata wabo. UGraça wayeza kufumana imfundo eyiyo.



Graça was given the important job of making sure that all children in Mozambique got a good education. It was a hard job because there were so many children in Mozambique who couldn't read. She knew that they needed education and wanted to make real change in her country. She started with primary schools and getting boys and girls into classrooms. Literacy was her focus and putting books into children's hands.


UGraça wanikwa umsebenzi obalulekileyo wokugqinisekisa ukuba bonke abantwana baseMozambique bafumana imfundo eyiyo. Lo yayingumsebenzi onzima kakhulu kuba babebaninzi kakhulu abantwana eMozambique ababengakwazi ukufunda. Wayesazi ukuba badinga imfundo kwaye wayefuna ukwenza umahluko obonakalayo elizweni lakhe. Wagala ngezikolo ezikumabanga aphantsi, efaka amakhwenkwe namantombazana emagumbini okufunda. Wayojolise kwilitheresi kwanokubeka incwadi ezandleni zabantwana.

# Story Bosso is here!

Story Bosso is Nal'ibali's annual multilingual storytelling talent search. It takes place across the nation this September! To celebrate South Africa's rich heritage of storytelling, Nal'ibali invites all South Africans - young and old - to have fun telling and sharing stories in any of the country's 11 official languages.

In 2016, the people who entered the Story Bosso talent search, told original stories, retold existing stories, read stories and said poems. We received 2 124 entries through Nal'ibali's special Story Bosso pop-up events, the Nal'ibali website, Nal'ibali's call centre and WhatsApp. Nonhlanhla Hadebe won first prize for her retelling in isiZulu of a story about a greedy spider with a special talent! In addition to a R3 000 cash prize, Nonhlanhla's winning story has been published as a book, which will also appear as a cut-out-and-keep book in the next edition of the Nal'ibali Supplement.

WILL YOU BE SA'S NEXT  
**STORY BOSSO?**




# UStory Bosso ulapha!

UStory Bosso lukhuphiswano lwaminyaka le lukaNal'ibali lokukhangela italente yokubalisa amabali ngeelwimi ezininzi ezahlukeneyo. Kulo nyaka luza kubanjwa kuzwelonke ngale yoMsintsi! Ukubhiyozela imveli nelifa lokubalisa amabali eMzantsi Afrika, uNal'ibali umema bonke abemi boMzantsi Afrika - abancinci nabadala - ukuba bonwabele ukubalisa nokwabelana ngamabali nangaluphi na ulwimi kwezi-11 ezisemthethweni kweli lizwe.

Ngowe-2016, abantu ababengenele olu khuphiswano lweStory Bosso lokufuna italente, babalisa amabali abaziqambele wona, babalisa ngokutsha amabali aziwayo, bafunda amabali kwanemibongo. Sifumene amanganelo angama-2 124 afakwe kwimibhiyozo yeStory Bosso ekhethekileyo ebivele ibekho naphi na kaNal'ibali, kwiwebhusayithi kaNal'ibali, kwiziko leminxeba likaNal'ibali kwakunye nakuWhatsApp. UNonhlanhla Hadebe waphumelela ibhaso lokuqala ngokubalisa ngokutsha ngesiZulu ibali lesigcawu esirhalayo nesasinetalente ekhethekileyo! Ngaphezulu kwebhaso eliyimali engama-R3 000 awayifumanayo, ibali elaphumelelayo likaNonhlanhla lashicilelwa njengencwadana eza kuvela njengencwadana onokuyisika-ze-uyigcine kupapasho olulandelayo loHlelo lukaNal'ibali.

## Will you be South Africa's next Story Bosso?

Enter this exciting talent search and stand a chance of winning fantastic prizes as well as being crowned the Story Bosso of 2017! To find out more, visit: [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi).



## Ingaba uza kuba nguStory Bosso olandelayo waseMzantsi Afrika?

Ngenela olu khuphiswano luchulumancisayo lokufuna italente ukuze ube sethubeni lokuphumelela imidudla yamabhaso kwanokuwongwa njengoStory Bosso ka-2017! Ukuze ufumane ulwazi oluthe vetshe, sindwendwele ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi).

## NAL'IBALI ON RADIO!

Tune into the following radio stations to enjoy listening to stories on Nal'ibali's radio show!

**Ikwekwezi FM** on Monday, Wednesday and Friday at 9.45 a.m.

**Lesedi FM** on Monday, Tuesday and Thursday at 9.45 a.m.

**Ligwalagwala FM** on Monday to Wednesday at 9.10 a.m.

**Munghana Lonene FM** on Monday, Wednesday and Friday at 9.35 a.m.

**Phalaphala FM** on Monday to Wednesday at 11.15 a.m.

**RSG** on Monday to Wednesday at 9.10 a.m.

**SAfm** on Monday, Wednesday and Friday at 1.50 p.m.

**Thobela FM** on Tuesday and Thursday at 2.50 p.m., on Saturday at 9.20 a.m. and on Sunday at 7.50 a.m.

**Ukhozi FM** on Wednesday at 9.20 a.m. and on Saturday at 8.50 a.m.

**Umhlobo Wenene FM** on Monday to Wednesday at 9.30 a.m.

**X-K FM** on Monday, Wednesday and Friday at 9.00 a.m.



## UNAL'IBALI KUNOMATHOTHOLO!

Ngena, umamele ezi zikhululo zikanomathotholo zilandelayo ukuze wonwabele amabali kwinkqubo kaNal'ibali esasazwa kunomathotholo!

**KuIkwekwezi FM** ngoMvulo, ngoLwesithathu nangoLwesihlanu ngo-9.45 kusasa.

**KuLesedi FM** ngoMvulo, ngoLwesibini nangoLwesine ngo-9.45 kusasa.

**KuLigwalagwala FM** ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu ngo-9.10 kusasa.

**KuMunghana Lonene FM** ngoMvulo, ngoLwesithathu nangoLwesihlanu ngo-9.35 kusasa.

**KuPhalaphala FM** ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu ngo-11.15 kusasa.

**KuRSG** ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu ngo-9.10 kusasa.

**KuSAfm** ngoMvulo, ngoLwesithathu nangoLwesihlanu ngo-1.50 emva kwemini.

**KuThobela FM** ngoLwesibini nangoLwesine ngo-2.50 emva kwemini, ngoMgqibelo ngo-9.20 kusasa nangeCawe ngo-7.50 kusasa.

**KuUkhozi FM** ngoLwesithathu ngo-9.20 kusasa nangoMgqibelo ngo-8.50 kusasa.

**KuUmhlobo Wenene FM** ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu ngo-9.30 kusasa.

**KuX-K FM** ngoMvulo, ngoLwesithathu nangoLwesihlanu ngo-9.00 kusasa.

**SABC EDUCATION**  
Enriching minds. Enriching lives.

Drive your imagination



# Hanna's friends

By Wendy Hartmann ✨ Illustrations by Niki Daly

Hanna's dad was a fisherman. He dashed out of the house to go to sea. He waved goodbye as he left. Hanna knew he would be away for days and days, but when he came home, he would bring back fresh fish to fry.

Then Hanna's mom whooshed away like the wind. She had to work every day of the week for a whole month.

"I'm late," she shouted. "Tannie Taliep from next door is coming over. Stay inside until she comes. See you later. Love you lots." She blew kisses as she ran for the bus.

Hanna stared through the window at the blue, blue sky. She felt all alone. She picked up a piece of paper and a pencil and made a drawing of a face with tears running down the cheeks. Then she heard Tannie Taliep unlock the front door.

"Morning, Hanna," said Tannie Taliep. "What's this?" She took the piece of paper and looked at it. "Mmm," she said, "no time for nonsense. Go to Allie's next door and buy bread and milk. I need my tea."

As she closed the front door, Hanna saw her drawing crumpled in a little ball on the kitchen floor. At Allie's, she waited until Mr Ismail saw her.

"Hello, Hanna," he said smiling. "Bread and milk as usual? Still not tall enough to reach the shelf?" She shook her head. "Never mind, you'll grow soon."

He laughed kindly and she smiled back at him. Then she looked down. On the floor, next to her feet was a piece of paper – one page with a few words and a lot of pictures on it. She picked it up. Mr Ismail saw it.

"You'll be surprised what the wind blows in here," he said. "You can have it if you want." He handed her the bread and milk. "Here you go – here's your shopping."

"Hurry-hurry," shouted Tannie Taliep as Hanna opened the door, "my soapie has already started on TV." She took the shopping bag from Hanna and made tea in a hurry.

Hanna sat down at the kitchen table. She smoothed out the piece of paper she had picked up and read one word – Jamela. There were lots of pictures of Jamela. Jamela blowing out candles on a birthday cake. Jamela hiding in a cardboard box. Jamela wrapped in a lovely cloth and Jamela holding a little red hen.



Hanna sighed. She wished it was Monday. She wanted to see if there was someone at school named Jamela. She wanted to find a friend just like Jamela.

On Monday, she ran to Miss Witbooi's class. "Please, Miss, do you know Jamela?"

"There's no Jamela here. Go back to your class," said Miss Witbooi.

On Tuesday, Hanna went to Mrs Booyesen's class. "Please, Mrs ...", but she didn't get any further.

"Hanna Pieterse! What are you doing here? Lessons have started," shouted Mrs Booyesen.

On Wednesday, she asked Mr Hendricks. But no one knew Jamela.

Hanna looked at the pictures on the piece of paper so many times that the page fell to pieces and Jamela was gone.

Then one day, the whole class went on an outing to the library. There, behind the counter, was a woman with a kind face. Hanna went up to her.

"Ye-es," said the woman. "Have you chosen a book?"

Hanna shook her head, then asked, "Do you know Jamela?"

The woman leaned forward. "Are you with the class that is here on an outing?" she asked. Hanna nodded and hoped the woman would not be angry. The woman frowned. She walked to the other side of the counter and took Hanna by the hand. "Come with me," she said and smiled. "I do know a little girl named Jamela. I also know a little boy named Ashraf. I even know a mouse named Wolfgang."

For one whole wonderful, exciting hour, Hanna met so-oo many friends. She opened books and went to different places all over the world. On the pages, she saw the most amazing things. In the pictures, she saw all the wonderful things that Jamela did.

When Hanna's mom stopped working on weekends and her father was home from the sea, they sat together and read books. Together they went shopping with Jamela and dancing with Papa Lucky. They even went for a walk with a giraffe.



And Hanna forgot all about drawing sad faces and feeling alone because now she never was.

Utata kaHanna wayengumlobi weentlanzi. Waphuma ngokukhawuleza endlwini esiya elwandle. Wawangawangisa isandla evalalisa njengoko wayehamba. UHanna wayesazi ukuba uyise uza kungabisekhaya iintsuku ezininzi, kodwa xa ebuyela ekhaya, wayeza kubuya nentlanzi esandul'ukulotywa ukuze bayiqhotse.

Kwangelo thuba umama kaHanna waphaphatheka okomoya. Kwakufuneka ukuba asebenze yonke imihla evekini, inyanga yonke.

"Ndishiyiwe lixsha," wakhwaza esitsho umama. "UTannie Taliiep lo ungummelwane wethu uyeza. Uncede uhlale ngaphakathi endlwini de afike. Ndiza kubuya ndikubone. Ndiyakuthanda kakhulu." Wancamisa izandla waza wavuthela emoyeni lo gama eleqa ibhasi.

UHanna wayethe ntsho efesitleni, ejonge eso sibhakabhaka sizuba. Wayenesithukuthezi, eziva elilolo. Wathatha iphetshana nepensile, wazoba ubuso obuqengqeleka iinyembezi ezidleleni. Kusenjalo weva uTannie Taliiep evula ucango lwangaphambili.

"Molo Hanna," watsho uTannie Taliiep. "Yintoni le?" Wathi hlasi elo phetshana waza walijonga. "Mhh," watsho, "akukho xesha lemfeketho apha. Hamba uye kwa-Allie, ebumelwaneni, uye kuthenga isonka nobisi. Ndinga iti yam ngawo lo mzuzu."

Xa kanye evala ucango lwangaphambili, uHanna wabona umzobo wakhe ushwatyaniswa nguTannie Taliiep, usenziwa ibhola encinci phambi kokuba ulahlwe phantsi ekhishini. Kwa-Allie walinda de uMnumzana Ismail wambona.

"Molo Hanna," watsho encumile. "Isonka nobisi njengesiqhelu? Awukabimde ngokwaneleyo ukuze ufike eshelufini nangoku?" watsho uMnumzana Ismail. Wanikina intloko yakhe uHanna. "Ungaxhalabi, uza kukhula kungekudala."

UMnumzana Ismail wahleka ngobubele waze wamncumela naye uHanna. Wandula ke ngoku uHanna ukujonga ezantsi. Phantsi, ecaleni kweenyawo zakhe kwakukho iphetshana – iphepha elinye elinamagama ambalwa nemifanekiso emininzi. Walichola. UMnumzana Ismail wambona.

"Ungothuka xa ubona izinto eziziswa ngumoya apha," kutsho uMnumzana Ismail. "Ungalithatha ukuba uyalifuna." Watsho emnika isonka nobisi. "Ina – naku okuthengileyo."

"Khawuleza-khawuleza," wakhwaza uTannie Taliiep ngethuba uHanna evula ucango, "Inkqubo yam sele iqalile kumabonakude." Wathatha iplastiki kuHanna waza wazenzela iti ngokukhawuleza.

UHanna wahlala etafileni, ekhishini. Wolula iphepha awayelichole waze wafunda igama elinye – uJamela. Kwakukho imifanekiso emininzi kaJamela. Umfanekiso kaJamela evuthela amakhandlela ekeyikini yemini yokuzalwa kwakhe. Umfanekiso kaJamela ezimele ebhokisini yekhadibhodi. Umfanekiso kaJamela ezisongele ngelaphu elihle kwakunye nomfanekiso kaJamela epethe umqhagana obomvu.



Wazenzela umoya uHanna. Wayenqwenela ukuba akwaba bekungoMvulo. Wayefuna ukubona ukuba ukhona na umntu ogama linguJamela esikolweni. Wayefuna ukufumana umhlobo onjengoJamela lo kanye.

NgoMvulo, wabaleka waya kwiklasi kaNkosazana Witbooi. "Uxolo, Titshalakazi, uyamazi uJamela?"

"Akukho Jamela apha. Buyela eklasini yakho," watsho uNkosazana Witbooi.

NgoLwesibini, uHanna waya kwiklasi kaNkosikazi Booyen. "Uxolo Titshalakazi ...", kodwa akazange akwazi ukuqhubeka.

"Hanna Pieterse! Ufuna ntoni apha? Sekuqaliwe ukufundwa," wakhwaza, engxola uNkosikazi Booyen.

NgoLwesithathu, wabuza uMnumzana Hendricks. Kodwa kwakungekho mntu umaziyo uJamela.

UHanna wayijonga imifanekiso eyayisephetshaneni amaxesha amaninzi kangangokuba iphepha lakrazuka lazizicwili, waba ke uJamela umkile ngolo hlobo.

Ngenye imini, iklasi yonke yayiphumile, ihambele kwithala leencwadi. Apho, kanye emva kwekhawuntari, kwakukho inenekazi elalinobuso obunobubele. UHanna waya ngqo kulo.

"Ewe-e," latsho eli nenekazi. "Sowuyikhethile incwadi oyifunayo?"

UHanna wanikina intloko yakhe, waze wabuza, "Uyamazi uJamela?"

Lasondela kuye inenekazi. "Ingaba uhamba nale klasi endwendwele apha?" labuza. Wanqwala uHanna kwaye enethemba lokuba eli nenekazi alisayi kucaphuka. Eli nenekazi lafinga iintshiya. Laze laphumela kwelinye icala lekhawuntari, landula ukuthi chu uHanna ngesandla. "Yiza apha," latsho lincumile. "Ndiyayazi intombazanana egama linguJamela. Ndazi nenkwenkwana egama linguAshraf. Ndazi nempuku engucwethwe egama linguWolfgang."

Kwiyure enye emnandi yonke, eyonwabisayo, uHanna wadibana nabahlobo abaninzi. Wavula incwadi waze waya kwiindawo ezohlukeneyo kwihlabathi jikelele. Emaphepheni apho, wabona ezona zinto zikhawankisayo. Emifanekisweni, wabona zonke izinto ezimangalisayo ezazenziwe nguJamela.

Akuyeka ukuphangela ngeempelaveki umama kaHanna, notata wakhe ebuyile emsebenzini waselwandle, babehlala kunye bafunde incwadi. Bebonke babesiya kuthenga noJamela baze badanise kunye noPapa Lucky. Bakhe bathatha nohambo kunye nendlulamthi.



UHanna ngoku walibala tu ngokuzoba ubuso obunxunguphelelo nokuziva elilolo kuba eneneni wayengeyedwa.

# Nal'ibali fun

## Okokuzonwabisa kwakwaNal'ibali




3.

Make a list! Write down the ways in which you use reading and writing in your life – at home and at school. If you can't think of all the ways now, cut out this list and keep it. Then you can add to it later.

Yenza uluhlu! Bhala iindlela osebenzisa ngazo ukubhala nokufunda ebomini bakho – ekhaya kunye nasesikolweni. Ukuba awukwazi ukuzicinga zonke ezo ndlela ngoku, sika olu luhlu uze ulugcine. Ukuze ubuye wongeze ezinye iindlela kamva.

1.

The slogan on the poster on page 9 is, "Reading is out of this world!". Try creating your own catchy International Literacy Day slogans that inspire others to try reading and writing for themselves!



ISilogani esikwipowusta ekwiphepha le-10 sithi "Ukufunda kukusa emajukujukwini!" Zama ukwenza esakho isilogani esinika umdla soSuku lweLitheresi lweZizwe ngeZizwe, esikhuthaza abanye ukuba bazame ukuzifundela nokuzibhalela ngokunokwabo!

Reading/Ukufunda: \_\_\_\_\_

Writing/Ukubhala: \_\_\_\_\_

Stories/Amabali: \_\_\_\_\_

The ways I use reading and writing in my life  
Iindlela endisebenzisa ngazo ukubhala nokufunda ebomini bam

1. ....
2. ....
3. ....
4. ....
5. ....
6. ....
7. ....
8. ....
9. ....
10. ....

2.

Mbali is Neo's sister and she is two years old. She loves books with rhymes in them, but she also enjoys pretending to read Neo's books. She often reads to her teddy bear and to Bella's dog, Noodle. What do you think the title of the book is that Mbali is reading in the picture? Write what she's saying in the speech bubble and then draw a picture or write something in the thought bubble to show what her teddy bear is thinking.

UMbali ngudadeboNeo kwaye uneminyaka nje emibini ubudala. Uyazithanda iincwadi ezinezicengcelezo, kodwa uyakonwabela kanaanjalo ukwenza ngathi ufunda iincwadi zikaNeo. Usoloko efundela ibhere lakhe elingunopopi kunye nenja kaBella, uNoddle. Ucinga ukuba sithini isihloko sencwadi efundwa nguMbali kulo mfanekiso? Bhala intetho yakhe kwiqam lentetho wandule ke ukuzoba umfanekiso okanye ubhale kwiqam leengcinga ubonise ukuba ibhere elingunopopi licinga ntoni na.



Would you like to receive stories and literacy tips on your cellphone? Join Nal'ibali on WeChat. Visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) to find out more.



Visit us on Facebook:  
[www.facebook.com/nalibaliSA](http://www.facebook.com/nalibaliSA)  
Sindwendwele kwikhasi lethu likaFacebook:  
[www.facebook.com/nalibaliSA](http://www.facebook.com/nalibaliSA)

Ungathanda ukufumana amabali kunye neengcebiso ngelitheresi kwiselula yakho?

Joyina uNal'ibali kuWeChat. Ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe.

Produced for Nal'ibali by the Project for the Study of Alternative Education in South Africa (PRAESA) and Times Media Education. Translation by Sihle Siko. Nal'ibali character illustrations by Rico.